Downloaded from Stanmorephysics.com


**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo line:

   CANDELO A: Idrama (40)
   CANDELO B: Inoveli (40)

2. Phendula imibuzo kwincwadi ENYE oyifundisiweyo (40 amanqaku).

3. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni kombuzo ngamnye.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   ICANDELO A: Imizuzu engama-90
   ICANDELO B: Imizuzu engama-90

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO A: IDRAMA

**QAPHELA:**

Phendula imibuzo esekwe kwiDrama/kwiNoveli oyifundisiweyo kuphela.
Kwincwadi oyifundisiweyo phendula yoMIBINI imibuzo esekwe kuyo.

### UMBUZO 1: *SAKOHLULWA ZIINDUDUMO* – Isaac Tau

1.1 Funda esi sicatshulwa soncwadi singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

| | |
|---|---|
| NZIMA: | Kodwa ke tata ingathi imfundo ngundoqo kule mihla siphila kuyo. Akukho lifa limbi kule meko ke Gaba. |
| GABA: | ***(Embetha emlonyeni)*** Sihlale siphila ngantoni? Xa kunokusa ndifile nondingcwaba ngantoni? Unyoko wokondliwa ngantoni, ngubani? |
| NZIMA: | Ndiyavisisa tata, kodwa bonke abahlobo bam baya esikolweni kulo nyaka uzayo. Andikwazi ukushiyekela ke mna. Ndosala ndisenza ntoni apha ekhaya? |
| MAMNTLANE: | Nzima, khawuzame ukuyiqiqisisa kakuhle le nto ithethwa nguyihlo. |
| NZIMA: | Ndiqondisise ntoni na mama? Ndiqinisekile ukuba icebo lingakho ndiye esikolweni mama ... |
| GABA: | Cebo lini elo uthetha ngalo? Ndihambe ndiyokuphanga ibhanki ilanga lihlabe umhlaba kuba ndingafuni kuphoxa unyana wam? Leli cebo uthetha ngalo Nzima? |
| NZIMA: | Vuma tata ukuba akundithandi, nto endingenakuze ndiyinyanzelise ke phofu. |

1.1.1 Xela le nto uNzima athi ingundoqo. (1)

1.1.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Le yincwadi eyidrama kuba ...

A ibhalwe ngokwezitanza.
B ineendima nemiboniso.
C Inezahluko.
D ayinabalinganiswa. (1)

1.1.3 Bathetha bephi aba balinganiswa bakwesi sicatshulwa? (1)

1.1.4 Nika umsebenzi owenziwe zizalathisi zaseqongeni ezibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (1)

1.1.5 Nika isizathu sibe SINYE sokuba uGaba angavumi ukuba uNzima aye esikolweni. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


1.1.6 Ungathi ungumlinganiswa onjani utata uGaba ngokwalapha kwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.7 Ingaba unyanisile uNzima xa esithi bonke abahlobo bakhe baza kuya esikolweni kulo nyaka uzayo? Xhasa impendulo yakho ngolwazi lwebali. (2)

1.1.8 Bhala intetho kaNzima elapha kwesi sicatshulwa ebonisa ukuba ukhathazekile yintetho kaGaba. (2)

1.1.9 Wayefuna ukufundela ukuba yintoni uNzima? (1)

1.1.10 Xela ukuba uNzima uphele esenza ntoni akuba engafundi. (2)

1.1.11 Yinyaniso okanye bubuxoki ukuba abazali bakaNomhi nabo abafuni ukuba uNomhi aye ekholeji? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.12 Bhala ezi ziganeko zingezantsi ngokulandelelana kwazo ebalini.

Umzekelo = A; C; B

A Kubhiyozelwa ukungejwa kukaNomhi nguDuke.
B UDuke uvalela uNomhi endlwini.
C UVido uxelela uNomhi ngokubanjwa kukaNzima. (3)

**KUNYE**

1.2 Funda esi sicatshulwa soncwadi singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA B**

| | |
|---|---|
| MATESH: | Lisela nomqhekezi laa mfo wakho webhongo. **UNziphonde** omdala. |
| THEMBI: | Ndiyazi wethu Mhimhi ukuba zibuhlungu ezo ndaba, kodwa uNzima usemva kwezitshixo sithetha nawe ngoku nje. Ulala ebaliwe yonke le mihla. |
| NOMHI: | Aninasiqinisekiso sale nto niyithethayo. Ngelishwa andinalo ixesha lokumamela yonke le mbudede. Ndixakekile ubona nje ke. |
| THEMBI: | *(Emalathisa iphephandaba.)* Hlala phantsi wena, ndiza kukufundela ukuze uyive kakuhle le nto sithetha ngayo. |
| MATESH: | *(Elithabatha kuThembi.)* Yima ndilifunde ngokwam, Thembi. Hayi kakubi, qha nje ndifuna ukukhawulezisa. 'Ufunyaniswe enetyala lokuqhekeza nobusela yinkundla yemantyi uNzima Dladla. Kucaca ukuba abaqhekezi abo benze obuncinane ubudenge bokushiya umkhondo. Isazisi sikaNzima Dladla sifunyenwe apho ngaphakathi. Loo nto ikhokelele ekuthini uNzima lowo avalelwe ...' |

1.2.1 UMatesh uthi uyintoni uNzima ngokwakwesi sicatshulwa? (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com

1.2.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

Udidi lwesafobe esibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa ...

A sisimntwiso.
B sisifaniso.
C sisibaxo.
D sisikweko. (1)

1.2.3 Kutheni uThembi noMatesh bexelela uNomhi ngokubanjwa kukaNzima? (2)

1.2.4 Ingaba uMatesh uphumelele ukudibanisa uNomhi noDuke? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.2.5 Xela ukuba wayebanjelwe ntoni uNzima, uze uxele neminyaka awagwetywa yona.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Into awabanjelwa yona uNzima. (2)

(b) Inani leminyaka awagwetywa yona. (1)

1.2.6 Kwakutheni ukuze uGaba angayi enkundleni xa uNzima wayexoxa ityala? (2)

1.2.7 Nika zibe ziBINI izenzo ezihle ezenziwe nguVido kweli bali. (2)

1.2.8 Ngqina ukuba ukubanjwa kukaNzima kuluchaphazele uthando lwakhe noNomhi. (2)

1.2.9 Ngubani osigcinileyo isibhambathiso phakathi kukaNomhi noNzima? Xhasa impendulo yakho. (3)

1.2.10 Sifunda ntoni kwisenzo sikaSongezile sokunikezela ubungqina enkundleni? (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 40**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO B: INOVELI

### UMBUZO 2: *NANDIWEZA* – Mbulelo Nzo

2.1 Funda esi sicatshulwa soncwadi singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA C**

Eyona nto imkhathaze ngakumbi yile ayiva ngoNyikitha xa athi udlise intombi yakomkhulu. Uqondile ukuba uNora akayazi kuba akakhange ayithethe. Uthe akucamngca, zathi thaa iziganeko zangaphambili wada wakhumbula neendaba aziphathelwe nguNora ngayo loo ntsasa. Zonke ezi zinto zalathe ukuba iliwa libhek' umoya. Uhambe kancinane ephindela ehotele apho afike xa baqalayo ukusebenza. Uye ngqo kwi-ofisi kaBiggs wafika kulil' ibhungane. Uyaleze izinto ezithile ezimalunga nomsebenzi kwelinye iqabane lakhe, waza wazibika ukungaphili wenjenjeya ukuya kwelakhe igumbi. Uziphose kumandlalo wakhe. 'Yaqin' inqawa.' Uvakele ethetha yedwa.

Kwalile ngentsimbi yesithoba ngokuhlwa, waya kukroba e-ofisini. Ufike ikho imbishi-mbishi.

'Nika,' utshilo uBiggs kuba naye wayembiza ngolo hlobo, 'andothukanga ndakungakuboni ...'

2.1.1 Xela le nto uNyikitha athi yenziwe kwintombi yakomkhulu. (1)

2.1.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Le yincwadi eyinoveli kuba ...

A ibhalwe ngokwezitanza.
B ineendima nemiboniso.
C inezahluko.
D ayinabalinganiswa. (1)

2.1.3 Bathetha bephi uLuwanika noBiggs? (1)

2.1.4 Nika isizathu sokuba uNora andwendwele uLuwanika. (2)

2.1.5 Yinyaniso okanye bubuxoki ukuba uLuwanika wayengaphilanga? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.1.6 Bhala intetho elapha kwesi sicatshulwa ebonisa ukuba ingqondo kaLuwanika yayixinekile. (2)

2.1.7 ULuwanika ufundele esiphi isidanga? (1)

2.1.8 Ingaba unyanisile uBiggs xa esithi akothukanga akungamboni uLuwanika emsebenzini? Xhasa impendulo yakho ngolwazi lwebali. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


2.1.9 Wacetyiswa ntoni uLuwanika nguBiggs malunga noNyikita? (1)

2.1.10 Xela ukuba uLuwanika uphele elifumana njani ipasi nemvume yokuhlala eMlazi akufika eDurban. (2)

2.1.11 Ingaba uyavumelana nesigqibo esithathwe nguBiggs sokuzimelisa uLuwanika? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.1.12 Bhala ezi ziganeko zingezantsi ngokulandelelana kwazo.

Umzekelo = A; C; B

A ULuwanika ufumana umsebenzi eBhisho.
B UBiggs ufowunelwa nguKhanyizire ezenza umkhuluwa kaLuwanika.
C ULuwanika uthenga amabanjwa. (3)

**KUNYE**

2.2 Funda esi sicatshulwa soncwadi singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA D**

'Sizifumene ke khona ezi ntwana. **Bezicinga ukuba zingoobani zona?** Sizingqubanise ngeentloko, khangela, zitsho zee saa. Ngoku nazo zisukelisana emazweni. Sihleli apha thina, asiyi ndawo.'

'Mfondini ndiyamva uMwera xa athi uyifuna apha le inguLuwanika. Akazi ukuba kunokwenzeka bangabuyi bobathathu.'

'Ukuba kunjalo, iya kuthini imfuyo yabo?' 'Le kaLuwanika iya kuba lilifa likaBiggs, kodwa le kaNyikitha kufuneka iwele kuthi nakanjani.' 'Masiphinde sicaphule sise eDikeni. Laa mfana ulindile waye uthe cwaka, akathethi.' 'Siza kuyenza njani le nto? Khumbula ukuba kwaba lula ngokuya ukuba salathe uLuwanika. Kunjalo nje yaba lula loo nto kuba babehleli kakade bengavani.'

'Elam leli, masithathe kakhulu phaya kuNyikitha ...'

2.2.1 USakhayire uthi baziintoni ooKhanyizire noNyikita? (1)

2.2.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

Udidi lwesafobe esibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa ...

A sisimntwiso.
B sisifaniso.
C lubaxo.
D ngumbuzo-buciko. (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com

2.2.3 Kutheni uMwera emfuna kangaka uLuwanika? (2)

2.2.4 Ingaba uNyikita waphumelela ukudibanisa uLuwanika nenkosi uMwera? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.2.5 Xela ukuba wayebanjelwe ntoni uSibusiso, uze uxele neminyaka awagwetywa yona.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Into awabanjelwa yona uSibusiso. (2)

(b) Inani leenyanga awagwetywa lona. (1)

2.2.6 Wayephi uNyikita ngelixa uKhanyizire aqalisa ukusebenza kwaLever Brothers? (2)

2.2.7 Nika zibe ziBINI izenzo ezihle ezenzelwe uLuwanika nguDoyle kweli bali. (2)

2.2.8 Ngqina ukuba ukubanjwa kukaNyikita kubuchaphazele ubuhlobo bakhe noKhanyizire. (2)

2.2.9 Ngubani ozigcinileyo izenzo zoxolo phakathi kukaKasayi noLuwanika? Xhasa impendulo yakho. (3)

2.2.10 Sifunda ntoni kwizenzo zikaSakayire noKasayi zokunyolukela ubutyebi? (2)

**AMANQAKU ECANDELO B: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 40**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**UNCWADI**

**IMIGAQO YOKUMAKISHA**

1. Ukuba ukunombola iimpendulo akuhambelani nombuzo, makisha ngokukhokelwa yimemo.

2. Ukuba isiphene sopelo sichaphazela intsingiselo yempendulo efunekayo, oko kuthatyathelwa amanqaku. Ukuba intsingiselo ayichaphazeleki, oko kumakishe njengokuchanekileyo.

3. Ukuba umviwa uphose ukusebenzisa iimpawu zocaphulo xa eyalelwe ukuba makacaphule, **musa ukumohlwaya.**

4. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga noluvo neengcinga zomviwa,** akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/ukunika ubungqina ngento/ nokuxhasa zizo ezimele ukuqwalaselwa.

5. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Isizathu/Ukunika ubungqina/nokuxhasa zizo ekumele ziqwalaselwe.

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO A: IDRAMA

### UMBUZO 1

### DRAMA: *SAKOHLULWA ZIINDUDUMO* – Isaac Tau

1.1 1.1.1 Yimfundo.√ (1)

1.1.2 B√/B ineendima nemiboniso√/ineendima nemiboniso.√ (1)

1.1.3 BakuloNzima√/bakwaGaba√/ basemzini kaMamNtlane√/ basebuhlanti.√ (1)

1.1.4 Kukubonisa ukuba wenzani uGaba√/ intsukumo yomlinganiswa.√ (1)

1.1.5 Sesokuba akuzukubakho mali abaza kusala bephila ngayo√√/xa anokufa akuzubakho mali yakumgcwaba√√/akuzukubakho mali yokondla umama kaNzima√√/uyagula kwaye uza kuyeka emsebenzini loo nto yenze ukuba kungabikho mali yokumsa esikolweni.√√ (2)

1.1.6 Ungumlinganiswa ocingela isiqu sakhe kuphela√/ ongayixabisanga imfundo√ kuba imali aza kuyifumana akuyeka ukuphangela ngenxa yempilo ufuna igcinelwe ukungcwaba yena okanye izidingo abaza kubanazo√/ akamcingeli uNzima unyana wakhe ukuba uyayidinga imfundo ukuze aphile ubomi obungcongo kwixesha elizayo, ujonge ezakhe iingxaki kuphela√/ukubona njengelahleko ukuthatha imali aza kuyifumana emsebenzini afundise ngayo uNzima√/ akaboni ukuba imfundo lelona lifa aza kulishiyela uNzima.√ (2)

1.1.7 Akanyanisanga kuba oyena mhlobo wakhe mkhulu uVido akazange aye esikolweni kunyaka olandelayo.√√ (2)

1.1.8 'Vuma tata ukuba akundithandi'√√ (2)

1.1.9 Wayefuna ukufundela ukuba yititshala.√ (1)

1.1.10 Uphele esiya kusebenza/ esiya kuphangela.√√ (2)

1.1.11 Bubuxoki kuba abazali bakaNomhi bamsile uNomhi esikolweni kwaye bamxhasa ukuba aye ekholeji.√√, (2)

1.1.12 C√/UVido uxelela uNomhi ngokubanjwa kukaNzima.√
A√/Kubhiyozelwa ukungejwa kukaNomhi nguDuke.√
B√/UDuke uvalela uNomhi endlwini.√ (3)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


1.2

1.2.1 Lisela√/ngumqhekezi√/nguNziphonde omdala.√
[Nayiphi enye kwezi.] (1)

1.2.2 D√/D sisikweko√/sisikweko.√ (1)

1.2.3 Kungokuba bayambonisa uNomhi ukuba akafanelananga noNzima olibanjwa√√/bafuna Nomhi alibale ngoNzima athandane noDuke.√√ (2)

1.2.4 Uphumelele kuba uNomhi noDuke baphele bethandana bade batshata.√√ (2)

1.2.5 (a) Kwakusithiwa uqhekeze kwaGoodyear ze weba imali engama-R10000.√√ (2)

(b) Mithathu.√ (1)

1.2.6 Kungokuba wayesele eswelekile.√√ (2)

1.2.7 Uxelele uNomhi ngokubanjwa kukaNzima.√
Ucebise uNzima ukuba makajonge idilesi yencwadi awayeyibhalelwe nguNomhi ukuze amazi apho akhoyo.√
Ukhaphe uNzima ukuya kukhangela uNomhi eKapa.√
Uxhasa uNzima ezintweni zonke. √
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

1.2.8 Kunjalo ngoba uNomhi uthe akuva iindaba zokubanjwa kukaNzima waqhubekeka nobomi bakhe wathandana noDuke√√/ kuba kwenze ukuba ade alukuhleke, aphele ethandana noDuke.√√ (2)

1.2.9 NguNzima√ kuba akakhange athandane nomnye umntu√√/kuba uNomhi uphele etshata uDuke.√√ (3)

1.2.10 Sifunda ukuba kubalulekile ukuthatha uxanduva ngezenzo zakho nokuba loo nto ikufaka engxakini√√/ kubalulekile ukunyaniseka nokuba nesazela esiphilayo ebomini.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[40]**

**OKANYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**UMBUZO 2**

**INOVELI: *NANDIWEZA* – N Mbulelo**

2.1 2.1.1 Kukudliswa√/kukuba idlisiwe.√ (1)

2.1.2 C√/C inezahluko√/inezahluko.√ (1)

2.1.3 Bakwihotele iCapital√/basehotele√/bakwihotele kaBiggs.√ (1)

2.1.4 Sesokuba wayemphathele iindaba zokulahleka kweekomo zikaNyikita kwaye kukho abantu abahlwayela imbewu yokuba nguye eli sela leenkomo.√√ (2)

2.1.5 Yinyaniso kuba wayesakhathazekile intliziyo yakhe ibuhlungu ngenxa yokuphoxwa nguNyikita othe embulisa ngobubele ecinga usengumntakwabo kanti yena umbona njengotshaba.√√ (2)

2.1.6 Yaqin'inqawa.√√ (2)

2.1.7 Ese-Honours zeB.Com.√ (1)

2.1.8 Unyanisile kuba uBiggs umthembile uLuwanika ukuba xa engekho emsebenzini sikho isizathu√√/kuba uLuwanika ungumsebenzi othembakeleyo nonyanisekileyo ongenakungaphangeli kungekho sizathu√√/kuba uLuwanika ngumsebenzi owuthandayo umsebenzi wakhe ngoko ke xa engekho emsebenzini sikho isizathu.√√ (2)

2.1.9 Wacetyiswa ukuba uNyikita akalotshaba lwakhe koko uhlohliwe ngobuxoki.√ (1)

2.1.10 Ngokuthi enzelwe nguDoyle ongumhlobo omkhulu kaBiggs nowayeyintsumpa nengqwayingqwayi yakwaNdabazabantu eMlazi.√√ (2)

2.1.11 Ndiyavumelana naso, kuba sabangela ukuba uLuwanika asinde ekubulaweni zintshaba zakhe√√/kuba wafumana ithuba lokufunda nokuphucula ubomi bakhe.√√

**OKANYE**

Andivumelani naso, kuba senza ukuba ashiye ikhaya nezihlobo zakhe engazimiselanga√√/senza ukuba angakwazi ukumelana nezityholo abekwa zona ukuze aziphendulele kude kuvele inyaniso.√√ (2)

2.1.12 B√/uBiggs ufowunelwa nguKhanyizire ezenza umkhuluwa kaLuwanika.
C√/uLuwanika uthenga amabanjwa.
A√/uLuwanika ufumana umsebenzi eBhisho.√ (3)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


2.2 2.2.1 Ziintwana.√ (1)

2.2.2 D√/D ngumbuzo-buciko√/ngumbuzo-buciko.√ (1)

2.2.3 Kungokuba ufuna intloko kaLuwanika ukuze kusetyenzwe ngayo ukumqinisa, nto leyo akholelwa ukuba iya kumenza asilawule ngempumelelo isizwe sakhe.√√ (2)

2.2.4 Akazange aphumelele kuba zange akwazi ukwenza indlela yokuba uLuwanika agoduke abuyele eMbera ukuze azibone ephambi kwenkosi njengoko lalisitsho icebo.√√ (2)

2.2.5 (a) Ukonakalisa ngolunya nokuzama ukubulala.√√ (2)
(b) Zintathu.√ (1)

2.2.6 Wayengasebenzi, ehleli emzini kaShoba kwilali ekufuphi nedolophu yaseDurban.√√ (2)

2.2.7 Kukuncedisana noBiggs emzimelisa kwiintshaba zakhe eMalawi weza eDurban.√
Kukumenzela amaphepha okuba ngummi waseDurban watsho wafumana indlu eMlazi. √
Kukumqesha emsebenzini kwaNdabazabantu.√
Kukumcebisa ukuba athathe ikhefu emke endlwini yakhe emva kwesiganeko sohlaselo.√
Kukuthumela abantu bokugcina umzi wakhe de abuye ekhefini.√
Kukumkhuthaza ukuba abuye eMthatha aze abuyele emsebenzini lwakulala uthuli.√
Kukumkhuthazela ukuba aqhube nezifundo zakhe zeeMasters.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

2.2.8 Kunjalo, kuba uNyikita uye wakhulelwa yinzondo ngakuKhanyizire ngenxa yokubona ukuba uqhubela phambili ngobomi bentlalo nangemfundo yakhe√√/kuba uNyikita usuke wangcungcuthekiswa yimpumelelo kaKhanyizire wambona ngathi umlahlile ngoku.√√ (2)

2.2.9 NguLuwanika√ kuba uye wandwendwela uKasayi noSakayire entolongweni ethembisa ukuba uza kwenza iinzame zokuba bakhutshwe ngaphambi kwexesha ze kuthi ukuba aliphumeleli elo icebo abathenge bamsebenzele kwifama yakhe, abanike amasimi balime bathengise bondle iintsapho zabo.√√ (3)

2.2.10 Ukuba ukwakha ubutyebi ngamaqhinga, amayelenqe nobusela kuba neziphumo ezikrakra.√√ (2)
**[40]**

**AMANQAKU EWONKE: 40**

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha